URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Richard Van Der Horst**
ICandelo leKharityhulam noLawulo loVavanyo
Richard.Vanderhorst@westerncape.gov.za | 021 467 2991

Inombolo yefayili: 19/3/1
Isalathiso: 20240417-3197

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam noLawulo loVavanyo: 0008/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNgcali zeMfundo ezineQhuzu nakwiiNqununu zazo zonke izikolo

**ISihloko: Ukuphunyezwa kweProgram yoVavanyo yango-2024 kwizikolo zikarhulumente kwicandelo i-*General Education and Training band ngokubanzi* (AmaBakala 1 ukuya ku-9)**

1. ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-*DBE*) likhuphe iSetyhula 01 yoVavanyo lukaZwelonke (*National Assessment Circular* 01) yango-2024, yomhla we-05 Apreli 2024, isiHlomelo A, ukubonisa ukuba iNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0001/2023, yomhla we-23 Januwari 2023, kwiProgram yoVavanyo (*POA*) yamaBakala. 1–9, isasebenza nango-2024.

2. IziCwangciso zokuFundisa zoNyaka eziHlaziyiweyo *(Revised Annual Teaching Plans (ATPs))* kunye nemilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo yeeMvavanyo eziQhubekela eSikolweni *(SBA)* kunye neemviwo, zafakelwa izilungiso ngolu hlobo lulandelayo:

| ISIGABA | IMILINGANISELO YAMANQAKU E-*SBA*/OVIWO EHLAZIYIWEYO | IIMVAVANYO/IIMVIWO EZIBHALWA KUMSEBENZI OSELE UFUNDISIWE |
|---|---|---|
| ISigaba esiSiseko (AmaBakala R–3) | 100% Kwi-*SBA* | |
| ISigaba esiPhakathi (AmaBakala 4–6) | 80% (I-*SBA*): 20% (Iimviwo) | Iimvavanyo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe zaphakathi enyakeni/zangoJuni kunye neemvavanyo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe zokuphela konyaka |
| ISigaba esiPhezulu (AmaBakala 7–9) | 60% (I-*SBA*): 40% (Iimviwo) | Iimvavanyo/iimviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe zaphakathi enyakeni/zangoJuni kunye neemviwo zokuphela konyaka ezipheleleyo kuzo zonke izifundo. |


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

3. Okuqulethwe kwiimviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe makususelwe kumsebenzi owenziweyo ocaciswe kwii-*ATP* zokuBuyisa iXesha ekuPhulukenwe nalo. Ngokomgaqo, uviwo lwangoJuni kumsebenzi osele ufundisiwe lumele ukuquka ikhontenti eyenziwe kwiKota 1 no-2 yaye uviwo olubhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe lokuphela konyaka lumele ukuquka umsebenzi ukususela kwiKota 3 ukuya ku-4 ngaphandle kokuba isifundo sicacisa ukubandakanywa kwekhontenti yezinye iikota.

4. I-*POA* ingqinelaniswe ne-*ATP* eHlaziyiweyo ka-2023/24 kwisifundo ngasinye nakwibakala ngalinye kwicandelo le-*General Education and Training (GET)*.

5. Iindidi nenani lemisebenzi, kuqukwa nokwabiwa kwamanqaku nomlinganiselo wamanqaku emisebenzi ngesifundo ngasinye nangebakala ngalinye, zishwankathelwe kwisiHlomelo A, B no-C zeSetyhula yoVavanyo kaZwelonke 0001/2024.

6. KwiSigaba esiPhakathi nesiPhezulu, apho imilinganiselo yamanqaku ingaboniswanga kwisifundo, imilinganiselo yamanqaku yabiwa ngokulinganayo phakathi kwimisebenzi yekota.

7. Le ngcaciso imfutshane yakhelwe kwimigqaliselo ephambili yokuphunyezwa kwemisebenzi yovavanyo esemgangathweni kwicandelo le-*GET* neyayiqaliswe ngo-2020 ize ilandele iinkqubo ezimalunga nokucuthwa nohlengahlengiso lwekharityhulam *(curriculum trimming)*. Inkqubo egxininisa kuyo i-*SBA* ihleli ikukusetyenziswa kwezicwangciso ezihambelana nenkqubo yoVavanyo lokuFunda ukuncedisa abafundi ukuba bafikelele kwiziphumo zokufunda ezilindelekileyo zebakala ngalinye nakwisifundo ngasinye.

8. **Ukumodareyithwa kwemisebenzi yovavanyo lokujonga ulwazi (yovavavanyo olumiselweyo).**

8.1 ISetyhula 0042/2019 yeSebe leMfundo leNtshona Koloni ( iSebe i-*WCED* ), yomhla we-13 Novemba 2019, icacisa ukumodareyithwa kwemisebenzi yovavanyo emiselweyo/yovavanyo lokujonga ulwazi kwisifundo lisebe/yintloko yesifundo okanye ngutitshala oyingcali (*specialist teacher*) othathwa njengonobuchule kwisifundo esikolweni okanye lisebe/yintloko yesifundo yesikolo esimelene naso, ngaphambi kokwenziwa komsebenzi wovavanyo.

8.2 Imodareyitha mayiqinisekise kwakhona ukuba umsebenzi uhamba kunye nezikhokelo zokumakisha ezineenkcukacha ezininzi okanye nerubrikhi. Naziphi na iingcebiso zokuphucula ukumodareyithwa kwemisebenzi mazixelwe kutitshala (kootitshala) ochaphazelekayo weso sifundo.

8.3 Kwiimviwo ezibhalwa eklasini nakwiimviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe, ootitshala bebakala nesifundo esifanayo mabathathe inani eliyisampuli yezikripthi ezimbalwa baxoxe ngezikhokelo zokumakisha/zerubrikhi njengeqela ukuqinisekisa ukuba

ukumakisha kusemgangathweni omnye. Zonke izikriphthi ezimakishiweyo ngutitshala mazingeniswe kwimodareyitha ekufuneka imodareyithe inani elamkelekileyo lezikripthi.

8.4 Ukusetwa kwemisebenzi yovavanyo emiselweyo ekumgangatho ophezulu kubalulekile, yaye izikolo zimele ukugcina iirekhodi ezichanekileyo zayo yonke imisebenzi yovavanyo neengxelo zokumodareyithwa kwangaphakathi kwemisebenzi njengoko oku kunokuxhomekeka ekungqinisisweni koku sisithili naliphondo.

9. **Uvavanyo lokufunda (uvavanyo lokunika ulwazi)**

9.1 INgcaciso eMfutshane yoLawulo lweKharityulam noVavanyo 0004/2020, yomhla we-13 Oktobha 2020, yanika iingcebiso malunga novavanyo lokufunda/uvavanyo lokunika ulwazi omaluhlanganiswe kwinkqubo yokufundisa nokufunda nokulungiselela abafundi kuvavanyo lokufunda/lokunika ulwazi. Oku kubhekisa kwiimvavanyo ezingamiselwanga, iimvavanyo zemihla ngemihla ezenziwa ngethuba lesifundo *(lesson)* ngootishala ukuphucula ulwazi, ukuqonda okanye izakhono zabafundi.

9.2 Imisebenzi yovavanyo lokufunda/yovavanyo lokunika ulwazi yinkqubo engobuchule bokufundiswa kwabafundi (*pedagogical approach*) ukubeka esweni ukufundisa nokufunda eklasini, nenkqubo yokufumanisa izikhewu ezinokubakho ekufundiseni nasekufundeni. Kunokusetyenziswa imisebenzi efana nokuqwalaselwa kwabafundi, ukubuzwa kwemibuzo, ingxoxo, iijenali, imibuzo ekhethisayo, iinkcazo-ntetho zepraktikhali njalo-njalo, njengoko zichaziwe kwiSikhokelo i-*Guidelines to support teachers in improving assessment for learning*, somhla we-13 Agasti 2020, kunye neseti yengcaciso eyimifanekiso *(infographics*) enako ukufunyanwa kusetyenziswa i-*ePortal.*

9.3 Uvavanyo lwenkqubo yokufunda kufuneka lusetyenziselwe ukunika inkxaso nokulungiselela abafundi kwiimvavanyo zokujonga ulwazi. Oku ke, kuya kunceda ootitshala ukuba bafumane ubungqina abanakubusebenzisa ukunika inkxaso abafundi ukuphucula ulwazi lwabo nokuqonda nezakhono zokuphucula ukufunda.

9.4 Kukhuthazwa ootitshala barekhode iintshukumo zotshintsho oluqhubekayo (*trends)* kwiimvavanyo nezithe zaqatshelwa kwimisebenzi yovavanyo engamiselwanga *(informal assessment activities*), ukuze babe nolwazi ngezicwangciso zokufundisa zexesha elizayo.

10. **Ukurekhodwa kwendlela abaqhuba ngayo abafundi**

10.1 Kusetyenziswa iiprogram zeSebe i-*WCED* zamaBakala 1 ukuya ku-9 zokurekhoda nokwenza iiripoti kwi-*CEMIS*, ukurekhoda amanqaku kwiirekhodishithi zezifundo. Izikolo maziqinisekise ukuba yonke idatha efakiweyo iyangqinisiswa ngabaphathi besikolo.

10.2 Ukwabiwa kwamanqaku kwimisebenzi ye-*SBA* yabafundi ngabodwa kubandakanywe kwiiprogram zokurekhoda nokwenza iiripoti; izikolo azilindelekanga ukuba zenze iinguqu kwiprogram kwimilinganiselo yamanqaku omsebenzi wabafundi ngabodwa.

10.3 Iiprogram zokurekhoda nokwenza iiripoti zinefankshinalithi eyakhelwe kuzo xa uvavanyo lungenziwayo, umzekelo ukufaka ukungabikho kwabafundi esikolweni okusemthethweni apho kuyimfuneko, zisebenzisa u-“A: Abs”, njengoko kuchaziwe kwi-*instruction sheet* yeprogram yokurekhoda nokwenza iripoti. Oku kuya kuba negalelo ekubonakaliseni ngokunyanisekileyo inkqubela yomfundi nendlela aqhuba ngayo.

11. **IiKomiti zokuNika iNkxaso kwiSikolo (*School-based Support Teams (SBSTs)*)**

11.1 Ekuphunyezweni kwe-*POA* ngo-2023 kuye kwaqatshelwa ukuba kukho imfuneko yokuphucula ukuqatshelwa kwangethuba kwabafundi ababonisa izikhewu ekufundeni. Ukungaphumeleli kwezikolo ukuziqaphela kwangethuba izikhewu ekufundeni ukuze zisonjululwe, kuye kwabadlelelela abafundi kangangokuba abanye baba bafundi kufuneka baliphinde ibakala.

11.2 Kuyacelwa ke ngoko ukuba ii-*SBSTs,* ngokoMgaqo-nkqubo i-*Policy on Screening, Identification, Assessment and Support* (*SIAS*), 2014, weSebe i-*DBE*, nanjengoko kucacisiwe kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo loVavanyo 0005/2017, yomhla we-16 Matshi 2017, zimele ukuqinisekisa ukuba banikwa inkxaso eyaneleyo nefanelekileyo abafundi ababonisa izikhewu okanye abanezithintelo ekufundeni.

11.3 Kumelwe kwenziwe izicelo zeminyinyiva nokuxolelwa kwabafundi kwiimvavanyo kwasekuqaleni kangangoko ukuqinisekisa ukuba abafundi abadleleleki nangayiphi na indlela. Inkqubo yokwenza isicelo yacaciswa kwiNgcaciso eMfutshane yoVavanyo 0001/2019, yomhla we-28 Januwari 2019.

11.4 Ukungqinelana ne-*SIAS*, ukuqatshelwa kwasekuqaleni kwabafundi abanezithintelo ekufundeni kuhlala kungumba ophambili obalulekileyo. Njengokunika abafundi inkxaso, izicelo zeminyinyiva nokuxolelwa kwabafundi kwiimvavanyo, zimele ukwenziwa njengoko kucacisiwe kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo 0001/2019.

11.5 Iprogram yokunika inkxaso ebonelelwa sisikolo mayinike iingcebiso ngokuqhubekayo kubazali qho ngonyaka wokufunda yaye mayikhokele izigqibo malunga nokugcinwa kwabafundi kunye/okanye inkxaso enokuthi inikwe umfundi kwibakala elilandelayo.

12. **Iishedyuli neeripoti**

12.1 Iishedyuli zokupasa zokugqibela zawo onke amabakala mazivunywe zize zisayinwe ngabaphathi beesekethe zize zifakwe kwi-*CEMIS* de kube ngowe-11 Disemba 2024.

12.2 Iiripotikhadi ezinikwa abazali ziya kubonisa ikhowudi nepesenti yazo zonke iikota ezine kwakunye nekhowudi yokupasa/yokudlulela kwesinye isigaba yokugqibela nepesenti ekupheleni konyaka wokufunda.

12.3 Iikhomenti ezimalunga nendlela abaqhuba ngayo abafundi zifakwa ngootitshala yaye zikhutshelwa ngokuzenzekelayo ukwenzela ukuba ziboniswe kwiripotikhadi. Bayakhuthazwa ootitshala basebenzise iikhomenti ezisekelwe ekuboniseni izakhono zendlela abaqhuba ngayo abafundi ngokupheleleyo (*holistic reflection of learners*) ingekuko nje ukudityaniswa kwamanqaku emisebenzi yovavanyo lokujonga ulwazi. Kufuneka kwakhona ibonise ubungqina bezakhono zabafundi eziye zajongwa ngovavanyo lokunika ulwazi kunye novavanyo lwenkqubo yokufunda.

12.4 Kuyimfuneko ukuba izikolo zibe nobungqina obaneleyo bonxibelelwano nabazali malunga nenkxaso kubafundi abaqatshelwe njengabangekakulungeli ukudlulela kwibakala elilandelayo.

12.5 Iiprogram zeSebe i-*WCED* 2024 zamaBakala 4–9 zokurekhoda nokwenza iripoti kwi-*CEMIS* sele zilungisiwe ukulungiselela inkqubo ka-2024 yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa (makufundwe iSetyhula 0030 ka-2023, yomhla we-06 Novemba 2023). Oku kuthetha ukuba iiprogram ezikhoyo ngoku kwi-*CEMIS* zingasetyenziswa unyaka wonke.

13. Ziyacelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-04-30


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department